

Hayi namhlanje, Sekhametsi!

Ibhalwe nguMabel Mnensa

Imizobo nguChantelle noBurgen Thorne


USekhametsi uva ukuba namhlanje iza kuba yeyona mini ikhethekileyo.

Ukhangela iiteki neekawusi zakhe phantsi kwebhedi yakhe. Ukhangela ushoti wakhe emva kocango. “Isenzo sodelo-ngozi esiya kuphahla lweflethi yethu iya kuba yinto entle kakhulu. Mhlawumbi ndingafumana butyebi buthile.”

“Soze. Hayi namhlanje, Sekhametsi,” utsho uMama. “Awunakuzingcolisa. Hamb’ okuhlamba,” ongeze uTata.

Aqumbe uSekhametsi. “Ukuba uMakazi uSindi ebekhona ebeza konyuka nam ukuya phezu kwendlu aze andibonise ubutyebi negolide.”





Emva kokuba etye isidlo sakhe sakusasa, uSekhametsi ubona abahlobo bedlala ezantsi. Mhlawumbi iza kuba lusuku olukhethekileyo ngokwenene.

Ujonga uMama noTata aze ancume. “Le yeyona mini intle yokudlala umgusha. Ndingayodlala?”

UMama unikina intloko. “Soze. Hayi namhlanje, Sekhametsi. Awunakuzingcolisa. Hlala apha nam.”

Aqumbe uSekhametsi. “Ukuba uMakazi uSindi ebekhona ebeza kundivumela ukuba ndiyodlala naba-hlobo bam. Bendicinga ukuba namhlanje iza kuba yimini ekhethekileyo.”

Ivumba lokutya okumnandi likhokelela uSekhametsi ekhitshini. Kukho ipleyiti enamagwinya aqhumayo ekhawuntareni. Iminqathe, ilethasi neetumato zezesaladi. Ingaba yikeyiki ese-ovenini? Mhlawumbi namhlanje iza kuba yimini ekhethekileyo ngokwenene! Uyachwechwa ezama ukuthatha igwinya elinye ukungcamla.

UMama abethe eso sandla, “Soze. Hayi namhlanje, Sekhametsi. Ndiwagcinele elinye ixesha.”

Asonge izandla zakhe uSekhametsi.

“Ukuba uMakazi uSindi ebekhona ebeza kundivumela ndingcamle yonke into, nkqu nentlama.”



USekhametsi uzogquma ngengubo yakhe, uqumbile. “Kuthe kanti ayikhethekanga tu le mini yanamhlanje. Kuisithukuthezi nje.”

UTata ususa ingubo entlokweni yakhe, “Soze. Hayi namhlanje, Sekhametsi. Yiza, ndifuna uhambe nathi ukuya esitishini.”

Aphakame uSekhametsi ngomsindo. “Ukuba uMakazi uSindi ebekhona ebeza kundivumela ndihlale ebhedini aze andibalisele ibali, okanye amabali amabini.



UMama, uTata noSekhametsi bayahamba ukuya ePark Station. USekhametsi usaqumbile ngoko ke akawuboni nomnyama phaya kude okanye eve iqela licula ingoma yakhe ayithandayo ekoneni. Yena ngase abesekhaya, phezu kwendlu okanye abe nabahlobo bakhe.

“Le yeyona mini yakha yambi,” utsho.

“Soze. Hayi namhlanje, Sekhametsi. Jonga!” uMama noTata bobabini bathi. “Nakoo!”

USekhametsi ajonge abone oyena mntu ukhethekileyo esiza kubo.

“Makazi Sindi!” akhwaze, abaleke esiya kumakazi wakhe amthanda kunene.

UMakazi uSindi amfunqule uSekhametsi. “Ngathi asisafiki ekhaya sizokukhwela nawe phezu kwendlu sikhwele iminyama. Okanye sidlale ugqaphu.

Okanye singatya amagwinya sibaliselane amabali?”

“Ewe! Min’ emnandi kuwe, Makazi Sindi! Bendisazi ukuba olu lwanamhlanje lusuku olukhethekileyo.”

“Soze. Hayi namhlanje, Sekhametsi.”

Asonge izandla zakhe uSekhametsi aze ajamele abazali bakhe.

“Namhlanje, lusuku olunkqenqeza phambili!”

UMama noTata bahleke.



Hayi namhlanje, Sekhametsi!

Ibhalwe nguMabel Mnensa • Imizobo nguChantelle noBürgen Thorne

Izimvo eninokuthetha ngazo

Yintoni enokwenza usuku "lunkqenkqenze phambili" kuwe?

Ngawaphi amaxesha okanye amava angaqhelekanga obe nawo kutsha nje.

Yintoni eyenze ukuba abe ngakhethekileyo loo maxesha?



Umfanekiso

Zoba umfanekiso wakho kunye "noyena mntu ukhethekileyo" ebomini bakho.



Ukufunda

Yiba ngumcuphi wamagama! Lijonge ngononophelo ibali. Ungafumana:

- ★ izinto ezisixhenxe onokuzitya
- ★ igama lomdlalo
- ★ izinto ezintathu onokuzinxiba
- ★ into onokuyibona ngosuku olunayo



Ukubhala

Bhalela umntu okhetheke kakhulu ebomini bakho umyalezo umxelela ukuba kutheni ekhethekile kuwe.



Ubuchule

Yenzela umfanekiso owuzobileyo ifreyim. Ncamathisela umfanekiso wakho kwiphethshana lekhadibhodi elikhulu kunomfanekiso. Zoba umgca ojikeleze isiphelo zomfanekiso wakho. Yihombise ifreyim.



Ukwenza

Dlala zonke izinto aneengcinga zokuba uyazenza noanti wakhe uSekhamesti ngexa wena okanye omnye umntu efunda ngokuvakalayo ezo nxenye zebali.

